# UVAVANYO LWEMPEMBELELO KOKUSINGQONGILEYO LWEPROJEKTHI YAMANZI YASEMZIMVUBU

# IREFERENSE

*Kuluhlu lweencwadi ezinomxholo omnye le ngxelo iza kubizwa ngokuba:*

*ISebe Lemicimbi Yamanzi, eMzantsi Afrika (2014).* ***UVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo kulwakhiwo olukhoyo lweProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu: Isishwankathelo seNgxelo Yokuhlela Umsebenzi***

***Inombolo yeNgxelo yeSebe Lemicimbi Yamanzi: P WMA***

*Iqulunqelwe: Icandelo loLawulo – Uhlalutyo Lweendlela Ezahlukeneyo*

*Iqulunqwe: ILISO Consulting (Pty) Ltd, P O Box 68735, Highveld, 0169*
*Umnxeba: (012) 685 0900, Ifeksi: (012) 655 1886*
*Umntu ekungaqhagamshelwana naye: Ms T Calmeyer*
*I-imeyile: terry@iliso.com*

# UVAVANYO LWEMPEMBELELO KOKUSINGQONGILEYO LWEPROJEKTHI YAMANZI YASEMZIMVUBU

# ISISHWANKATHELO SENGXELO YOKUHLELA UMSEBENZI

## 1. Intshayelelo

IProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu yiprojekthi ehlangeneyo enemisebenzi eyahlukeneyo (unikezelo lwamanzi ezindlini, ezolimo, uveliso lombane, ezothutho, ezokhenketho, ulondolozo lwendalo kunye noshishino) futhi inikezela ngophuhliso lwezentlalo noqoqosho kule ngingqi. Injongo yolu Vavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo (EIA) kukuhlola oko kubandakanyeka kwiprojekthi nokudweliswe njengemisebenzi ekumele yenziwe kuMthetho woLawulo lokusiNgqongileyo kaZwelonke (NEMA) namisebenzi leyo iSebe Lemicimbi Yamanzi (DWA) olunoxanduva kwanenjongo yokuyiphumeza. Inkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo iza kuthi inikezele ngolwazi oludingwa ngabasemagunyeni kokusingqongileyo ukuze bakwazi ukwenza izigqibo malunga nokuba kufanele ngenene na iphunyezwe iprojekthi le okanye hayi, nangaphantsi kweziphi na iimeko xa iphunyezwa.

Le ngxelo Yokuhlela Umsebenzi ichaza iprojekthi ecetywayo, ubume bendawo eza kwenziwa kuyo, ize kananjalo igqamise imiba ephambili kwaneendlela ezingezinye zokwenza izinto ekumele ziphandwe zijongisiswe ngexesha lesigaba sovavanyo lwempembelelo. Kananjalo ikhomba indlela eya phambili ngokuphathelele kwiSicwangciso Sophando sesigaba soVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo.

## 2. Okunye ukugunyaziswa okudingekayo

Olu Vavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo luquka uhlolo oludingekayo ukuze kukwazi ukufakwa izicelo zoku kugunyaziswa kulandelayo nokudingekayo kwiprojekthi:

- Imvume Yokusetyenziswa Kwamanzi

Ulwakhiwo lwamadama kunye nolunye ulwakhiwo olunxulumene noko luquka iindlela ezahlukeneyo zokusetyenziswa kwamanzi ezidweliswe ngokwemimiselo yecandelo 21 yoMthetho kaZwelonke Wamanzi, onguNombolo 36 ka-1998 (NWA).

- Iindawo ekwembiwa kuzo kunye neekwari

Kuza kudingeka izinto zokwakha ezifana nesanti, igrabile namatye xa kusakhiwa amadama kwaneendlela. Kunokwenzeka ukuba zingoneli okanye zingabi zezilungileyo iindawo esele kufunyenwe imvume yokuba kungombiwa kuzo kunye neekwari esele zikhona kulo ndawo, ukuze kufumaneke kuzo zonke izinto zokwakha ezidingekayo, ngoko ke kuqikelelwa ukuba kuza kudingeka ezinye iindawo ezintsha ezimbini eziziikwari zamatye kwakunye nezisibhozo ekungakhiwa kuzo isanti ukwenzela iziza zedama laseNtabelanga nelaseLaleni.

Ngokwemimiselo yoMthetho Wophuhliso Lwezibonelelo zeziMbiwa nePetroliyam, ka-2002 (uMthetho onguNombolo 28 ka-2002) (MPRDA), njengoko ulungisiwe, kwakunye

neMimiselo Yophuhliso Lwezibonelelo zeziMbiwa nePetroliyam ekwisaziso sikarhulumente esingunombolo GNR 527 somhla we-23 ku-Epreli 2004, iSebe Lemicimbi Yamanzi (DWA), ngenxa yesaziso sikarhulumente esingunombolo GNR . 762 somhla we-25 kuJuni 2004, alizidingi iinkqubo zofako lwesicelo kwakunye nokwamkelwa kwamalungelo okanye iimvume ngokwamacandelo u-16, 20, 22, kunye no-27 oMthetho i-MPRDA. Nangona kunjalo ke kodwa, ngokwecandelo 106(2) loMthetho i-MPRDA, iSebe Lemicimbi Yamanzi kudingeka ukuba liqulunqe iNkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo (EMP) ukuze yamkelwe ngokwemimiselo yecandelo 39 (4) lalo Mthetho.

Impembelelo yeekwari kwaneendawo ezintsha ekungombiwa kuzo iza kuphandwa ijongisiswe kuVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo, kuze kuqulunqwe iZicwangciso zoLawulo lokusiNgqongileyo ukuze zamkelwe yi-DMR njengoko kudingeka.

- IiMvume Zezinto Ezingamagugu eSizwe

Le projekthi icetywayo ibandakanya imisebenzi eliqela edweliswe ngokwecandelo 38 loMthetho kaZwelonke weZibonelelo Zamagugu eSizwe onguNombolo 25 ka-1999 (NHRA), nodinga ugunyaziso ngabasemagunyeni abafanelekileyo abajongene nezinto ezingamagugu esizwe. Kuza kwenziwa uVavanyo Lwempembelelo kwiZinto Ezingamagugu eSizwe (HIA) njengenxalenye yenkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo. UVavanyo Lwempembelelo kwiZinto Ezingamagugu eSizwe luza kungeniswa kwiGunya Elilawulayo leZinto Ezingamagugu eSizwe lePhondo laseMpuma Koloni kwakunye nakwiQumrhu leZibonelelo Zamagugu eSizwe laseMzantsi Afrika (SAHRA) ukuze kwenziwe izigqibo ngokubhekiselele kwizibonelelo zamagugu esizwe.

- IMvume yoLawulo lweNkunkuma

ULawulo lweNkunkuma lungaphantsi kolawulo loMthetho woLawulo lokusiNgqongileyo kaZwelonke: Inkunkuma (uMthetho onguNombolo 59 ka-2008) (NEMWA) kwakunye neMimiselo enxulumene nawo.

Kungenzeka kudingeke iMvume yoLawulo lweNkunkuma yokulungisa amachibi aza kusetyenziswa ukugalela intsalela eyinkunkuma xa kugawulwa kugecwa izityalo (Umsebenzi (1) weNqanaba A: Ukugcinwa kwenkunkuma eqhelekileyo kumachibi echweba).

Ukwakhiwa kwetonela kwiDama laseLaleni nalapho kuza kuveliswa khona umbane kuza kubangela inkunkuma (inkunkuma eqhelekileyo) nekuza kudingeka ukuba iye kulahlwa nanto leyo engenza kuba kudingeke iMvume yoLawulo lweNkunkuma.

- Iimvume zokususwa kwemithi ekhuselweyo

Kungenzeka ukuba imithi iphazanyiswe, yonakaliswe okanye isuswe ukulungiselela ulwakhiwo olutsha. Ukuba ngaba leyo yimithetho ekhuselweyo ngaphantsi koMthetho Wamahlathi kaZwelonke, ka-1998, kufanele kufunyanwe imvume kwiSebe loLimo Namahlathi (DAFF).

## 3. Inkcazelo ngeprojekthi

Umda weprojekthi uthatha iMimandla yooMasipala emithathu eyile, uMmandla kaMasipala i-Joe Gqabi oya ngasemntla-ntshona, uMmandla kaMasipala i-OR Tambo osemazantsi-ntshona kunye noMmandla kaMasipala i-Alfred Nzo osempuma nasemntla-mpuma.

IDama laseNtabelanga kucetywa ukuba linikezele ngamanzi aselwayo kubantu abamalunga ne-539 000, nabaza konyuka babe yi-726 000 ngonyaka ka-2050. Inxenye enkulu yezibonelelo zonikezelo ngamanzi okusela kule ndawo iza kuba ngaphantsi koMmandla kaMasipala i-OR Tambo kunye ne-Joe Gqabi, kwakunye neendawo ezincinci ezingaphantsi koMmandla kaMasipala i-Alfred Nzo.

Isiza seDama laseNtabelanga esicetywayo sikwisithuba esimalunga neekhilomitha ezingama-25 empuma kwedolophu yaseMaclear nasemantla kwendlela engu-R396. Isiza seDama laseLaleni elicetywayo sikwisithuba esimalunga neekhilomitha ezili-17 emntla-mpuma kwedolophu encinci yakuTsolo. Zozibini ezi ziza zikuMlambo waseTsitsa.

ULwakhiwo lwezibonelelo Zamanzi luquka:

- Idama elikwisiza saseNtabelanga nelingagcina amanzi angumthamo ozimiliyoni eziyi-490 $m^3$;
- Idama elikwisiza saseLaleni nelingagcina amanzi amalunga nomthamo ozimiliyoni eziyi-150 $m^3$;
- Itonela kunye nendlu yoveliso lombane ekwisiza sedama laseLaleni ezilungiselelwe ukuveliswa kombane;
- Izikhululo ezihlanu zokulawula ukuhamba kwamanzi;

- Imisebenzi yokucocwa kwenkunkuma emanzini kwiziza zamadama;
- Indawo yokuhlala yabasebenzi abasebenza kwiziza zamadama; kunye
- Namaziko olwazi amabini kwiziza zamadama.
- Kuza kudingeka iindonga ezilawula amanzi ezintsha ezintlanu zokujonga umlinganiselo wokuhamba kwamanzi angena kwanalawo akhutshwa ngamadama. Ezi ndawo zilawula ukuhamba kwamanzi ziza kubaluleka xa kubekelwa ukuphunyezwa kwendawo yogcino iliso kwanokusebenza kwamadama.

IDama laseNtabelanga liza kunikezela ngamanzi alungelwe ukuselwa ngabantu abayi-539 000, nani elo ekulindeleke ukuya lenyuke liye kutsho ku-730 000 ngo-2050. Ulwakhiwo lonikezelo ngamanzi asezindlini luza kuquka:

- Ulwakhiwo lwesakhiwo esingena emlanjeni kunye nemisebenzi enxulumene noko;
- Imisebenzi yokucoca amanzi;
- Uhambiso lwamanzi amaninzi alungele ukuselwa ukujongana neemfuno zamanzi asezindlini nakwiindawo zoshishino (imibhobho eyahlukeneyo yokuhambisa amanzi);
- Amachibi okugcina amanzi amaninzi acociweyo nakwiindawo ezikhethwe ngobuchule; kunye
- Nezikhululo zokumpompa amanzi.

Kananjalo iDama laseNtabelanga liza kunikezela ngamanzi okunkcenkceshela indawo emalunga neehektare eziyi-2 900. Le projekthi iquka ulwakhiwo lokuhanjiswa kwamanzi amaninzi kunye nonikezelo ngamanzi angacocwanga.

Malunga neehektare eziyi-2 450 zomhlaba ongalulungela kakhulu ulimo olunkcenkceshelwayo zikwindawo yakuTsolo zize ke ezinye zibe ngakwiDama laseNtabelanga elicetywayo nangasemlanjeni, kufutshane nelali yaseMachibini, eyaseNxotwe, eyaseCulunca, eyaseNtshongweni, eyaseCaba, eyaseKwatsha neyaseLuxeni.

Kuza kubakho umzi-mveliso omncinci woveliso lombane kwiDama laseNtabelanga noza kuvelisa phakathi kwe-0.75 MW kunye ne-5 MW (umyinge oyi-2.1 MW). Kuza kubakho ke umbhobho ohamba amanzi angacocwanga osuka edamini ukuya kwisakhiwo esineenjini zokuvelisa umbane kunye nezinye izixhobo ezinxulumene nazo, kwakunye nomnye umbhobho okhuphela ngaphandle obuyela emva emlanjeni ngezantsi nje kodonga lwedama. Kulindeleke ukuba ifuthe loku lifane nelo lesikhululo sokumpompa amanzi.

Umzi-mveliso woveliso lombane kwiDama laseLaleni elicetywayo kunye netonela (zisetyenziswa ndawonye neDama laseNtabelanga) uza kuvelisa umbane okumyinge we-35 MW xa usetyeniswa ngengesikhululo soveliso lombane esisiseko nokuya kutsho kwi-180 MW xa usetyenziswa njengesikhululo soveliso esenyukayo. Umzi-mveliso woveliso lombane uza kudinga itonela emalunga neekhilomitha ezisi-7 edibanisa idama kunye nomzi-mveliso woveliso lombane emazantsi edama nangezantsi komwonyo.

Iintambo zombane ezihambisa umbane onamandla aphezulu neziza kudibanisa isikhululo sombane saseLaleni kunye negridi yakwa-Eskom esele ikhona ziza kuba bubude obumalunga ne-18.5 km zize ezo zidibanisa idama laseNtabelanga kunye negridi yakwa-Eskom zibe malunga ne-13 km. Iintambo zombane ziza kufakelwa ukuze zinikezele ngombane xa kusakhiwa kwiziza ezibini zamadama kananjalo zinikezele ngombane oza kusebenza kwizikhululo ezihlanu zokumpompa amanzi kwakunye nakwiizikhululo ngakulwakhiwo lonikezelo ngombane omninzi.

Indawo eza kube igcwalise ngamadama iza kuzivala ezinye iindlela. Ngoko ke kuza kudingeka ukuba iindlela zasekuhlaleni ezimalunga ne-80 km zivulwe kwezinye indawo. Kananjalo, ezinye iindlela zalapho ekuhlaleni ziza kuphuculwa ukuze zibe nokuxhasa uphuhliso lwezentlalo noqoqosho kwindawo leyo. Ulwakhiwo lweendlela luza kufana kakhulu neendlela esele zikhona kananjalo kusetyenziswe izinto zokwakha ezifanayo.

Iprojekthi le kulindeleke ukuba ixabise imali eziibhiliyoni eziyi-R 12.45 kwaye kulindeleke ukuba kwenziwe ingeniso eyimali eziibhiliyoni eziyi-R5.9 ngonyaka ngenxa yeprojekthi le ngexesha lokuba kusakhiwe, kuze kwenziwe ingeniso eyimali eziibhiliyoni eziyi-R1.6 ngonyaka xa sele isebenza iprojekthi le. Iza kudala amathuba amatsha omsebenzi eyi-3 880 wabantu abanezakhono kwakunye ne-2 930 yamathuba omsebenzi yabantu abangenazakhono ngexesha lokuba kusakhiwa.

## 4. Iindlela ezingezinye

Le projekthi ibandakanya ukusetyenziswa kwemali kuphuhliso lolwakhiwo olunxulumene nezamanzi ukuze kuvuselelwe uphuhliso lwezentlalo noqoqosho kwindawo yophando ngokuthi kunikezelwe ngamanzi aza kusetyenziswa ezindlini, kushishino nakwezolimo, kananjalo ngokuthi kwakhiwe imisebenzi enxulumene ngqo nolwakhiwo olu kunye nokusebenza kweprojekthi. Ikhona eminye imisebenzi ekwavelisa imisebenzi ize yenze nengeniso kule ndawo. Umsebenzi ongomnye ingakukujonga ezinye iindlela olungasetyenziswa ngalo olu tyalo-mali ukuze kufunyanwe enye inzuzo yemali efanayo neza kuthi iphucule imeko yempilo ize kananjalo yakhe inani elilinganayo lemisebenzi yenze kwanengeniso efanayo kwindawo leyo. Njengoko iliSebe Lemicimbi Yamanzi elifake isicelo sale projekthi nelilo elinoxanduva lokuphuhlisa ulwakhiwo lwezibonelelo zamanzi, ingekuko ukuphumeza iiprojekthi zophuhliso zohlobo olwahlukileyo, akungekhe ke ngoko kwenzeke ukuqwalaselwa kwezo ndlela zingezinye.

Uphando olungaphambili olwalwenziwe kwisigaba sokuqwalasela ukuba ingasebenza na iprojekthi lwathi lwahlola iziza ezingezinye zamadama ezingajongwa kule projethi. Olu hlolo lweziza luthe lwaqwalaselwa kwaye lubonwa njengolwaneleyo kwiimfuno zoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo. Akukho phando lungolunye ngokunxulumene neziza ezingezinye zamadama oluzakwenziwa ke ngoko kwisigaba sovavanyo lwempembelelo solu phando. Nazi iindlela ezingezinye zeprojekthi eziza kuhlolwa:

Iindlela ezingezinye eziza kuqwalaselwa kuvavanyo lwempembelelo kokusingqongileyo zezi:

- Iindawo zeetonela zoveliso lombane ezintathu kunye neentambo zombane ezinxulumene noko;
- Uveliso lombane okusisiseko kwanoko kuphezulu;
- Ubukhulu bamadama obahlukeneyo obuthathu beDama laseLaleni; kunye
- Nale yeprojekthi indlela.

Ngokunxulumene neendawo eziza kuhamba imibhobho kwakunye neendlela ezintsha, iingcali ziza kuchonga naziphi na iindawo ezibuthathaka kuze kwenziwe iingcebiso malunga noko kungathi kuphume ecaleni ukuthintela oku ngokubonisana neqela lezobuchwepheshe.

## 5. Ukuthatha Inxaxheba koLuntu kwiSigaba Sokuhlela Umsebenzi

Ngomhla wama-25 kuMatshi 2014 kwabanjwa intlanganiso engaphambi kokufakwa kwezicelo kwii-ofisi zeSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo ePitoli. Injongo yale ntlanganiso yayikukwazisa iSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo malunga neprojekthi le, kwanokuvumelana ngenkqubo ecetywayo kwanangaleyo iza kulandelwa kananjalo nangokuba ngoobani na abazokwenza imisebenzi ethile enxulumene noko.

Njengoko iprojekthi le iyiProjekthi Ehlangeneyo Ecwangcisiweyo (SIP3) kwaye ibaluleke kakhulu kwiSebe Lemicimbi Yamanzi, nakuphi na ukulibaziseka kwinkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo kufanele kuthintelwe kangangoko. Inkqubo yophando malunga noVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo yaye yangeniswa entlanganisweni kwaze kwagqitywa ekubeni kusungulwe iForam Yabasemagunyeni yeprojekthi le, ukuze kubekho indlela ekuza kungeniswa kananjalo kuphakanyiswe izimvo malunga neengxelo eziqulunqwayo ezivela kumaphiko awohlukeneyo nabandakanyekayo kaRhulumente ngendlela ekhawulezayo.

Kwathunyelwa incwadi eyazisa Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo (I&APs) malunga nesi sicelo sokugunyaziswa kokusingqongileyo, kwakunye nezicelo zeMvume Yokusetyenziswa Kwamanzi, iimvume zezinto ezingamagugu esizwe, kunye nokwamkelwa kweendawo ekungombiwa kuzo zaze zathunyelwa kuwo onke amaqela achaphazelekayo abhalisiweyo kwakunye noXwebhu Oluqulethe Ulwazi Lwangaphambili (BID) (Isihlomelo B). Olu xwebhu olubhalwe ngesiNgesi kwanolubhalwe ngesiXhosa laye lasasazwa lahanjiswa ngabaququzeleli balapho endaweni lwaze kananjalo lafakwa kwiwebhusayithi yeSebe Lemicimbi Yamanzi. Olu Xwebhu Oluqulethe Ulwazi Lwangaphambili lunazo zonke izicelo eziyinxalenye yale projekthi. Kwapapashwa isaziso kwiphephandaba lalapho ekuhlaleni kwanelikazwelonke elazisa malunga nenkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo ngokubhekiselele kwiprojekthi le, kananjalo kunikezelwa ngeenkcukacha zoqhagamshelwano ukuze Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo akwazi ukubhalisa njengamaqela achaphazelekayo. Kananjalo kwabekwa isaziso apho kwisiza esinika amagqabantsintshi ngolwazi lwangaphambili olunxulumene neprojekthi kwakunye neenkcukacha zoqhagamshelwano ukuze Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo akwazi ukucela ulwazi neenkcukacha ezingaphezulu futhi/okanye akwazi ukubhalisa njengamaqela achaphazelekayo.

Isaziso esimalunga nokufakwa kwezicelo siza kuphuma kwiphephandaba i-HP Herald lomhla wama-29 ku-Epreli 2014 kunye ne-Mthatha Fever yomhla wama-30 ku-Epreli 2014. Ingxelo esaqulunqwayo yokuhlela umsebenzi ingafunyanwa Ngamaqela Anomdla Nabandakanyekayo kwiwebhusayithi yeSebe Lemicimbi Yamanzi (http://www.dwaf.gov.za/projects.aspx) ukuze akwazi ukungenisa izimvo zawo malunga nayo kwaye namaxwebhu aprintiweyo ayafumaneka. Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo aneentsuku ezingamashumi amathathu (30) zokuba angenise izimvo zawo malunga nengxelo le yokuhlela umsebenzi.

Iikopi zengxelo Yokuhlela Umsebenzi ziyafumaneka kwezi ndawo zilandelayo:

| Idolophu | Indawo |
|---|---|
| EMonti | KwiThala leeNcwadi eliseMonti (East Landon Central Library),<br>KwiThala leeNcwadi zeReferensi kuMgangatho Wokuqala<br>ISitalato iGladstone<br>EMonti<br>5200 |
| EMthatha | Walter Sisulu University<br>Nelson Mandela Drive<br>Unitra, EMthatha<br>5117 |
| KuTsolo | KuMasipala weNdawo waseMhlontlo<br>128 Mthuthuzeli Mpehle Avenue<br>Tsolo<br>5170 |
| ENtabelanga | Isikolo Samabanga Asezantsi iSiqhungqwini<br>Siqhungqwini<br><br>Kananjalo ikopi yoxwebhu iza kushiywa kuNkosi uMabantla. |
| ELaleni | KuMasipala weNdawo waseMhlontlo<br>ISebe leZobugcisa<br>I-ofisi 26<br>96 Church Street<br>Qumbu<br>5180 |

Nangaphezu kwexesha lokungeniswa kwezimvo luluntu, kuza kubanjwa iintlanganiso ezintathu zoluntu kwiveki yange-12 kuMeyi 2014 kufuphi nesiza sedama laseNtabelanga elicetywayo, kuTsolo naseLaleni. Ezi ntlanganiso ziza kusetyenziswa njengethuba lokubonisana kuxoxwe noluntu, ukunikezela ngolwazi kwanokunika amaqela achaphazelekayo ithuba lokuphakamisa naziphi na izimvo okanye iimpikiswano anazo, neziza kuthi zibhalwe kwiNgxelo Yemiba Neempendulo.

## 6. Inkcazelo malunga nendawo ebandakanyekayo

Indawo yophando ikwiNgingqi eseMantla Yobudlelwane Bendalo Namanzi eseMzantsi-Mpuma nakwiNdawo yoLawulo Lwamanzi esuka eMzimvubu ukuya eKieskamma. UMlambo uMzimvubu ngomnye weyona milambo mikhulu eMzantsi Afrika (onomanzi ayi-5.5% ewonke ahambayo emilambo elizweni). Unamasebe amakhulu amane, ayiMilambo iMzintlava, iKinira, iTina neTsitsa. Imilambo ekula madama inamanzi aphuphumayo.



**Umboniso 2: IDama laseNtabelanga elicetywayo emantla kwezibuko**

Omabini amaDama aseNtabelanga naseLaleni acetywayo akuMlambo iTsitsa, umlambo obhaliswe njengokwiNqanaba C (olungiswe ngokungabhekiselele kuphi).



**Umboniso 3: Indawo emalunga neDama laseNtabelanga elicetywayo**

Imibhobho yamamzi ekwicala elisemantla kwindawo yeprojekthi inqumla uMlambo iTina nawo obhaliswe njengalowo ukwimeko yeNqanaba C (olungiswe ngokungabhekiselele

kuphi). UMlambo iTina uthathwa njengendawo eneentlanzi ebaluleke kakhulu, kwaye ubhaliswe njengendawo ezixhasayo iintlanzi ngokoLuhlu lukaZwelonke Lweendawo Eziphambili Ezinamanzi Amatsha (2011).

Umhlaba ophezulu onengca kule ndawo ugcina amanzi kwanesivuno esininzi, nanto leyo ebaluleke kakhulu kwiindawo zokuhlala zasezilalini ezikufutshane apho kananjalo nokufumana amanzi kwindawo engezantsi.

NgokoLuhlu lukaZwelonke Lobudlelwane Bendalo Obusebungozini (2011), iindawo ezithile kolu lwakhiwo lucetywayo zisebungozini ngokuphathelele kubudlelwane nendalo. Ubudlelwane nendalo, busemngciphekweni omkhulu bokutshabalala ngokwezakhiwo kwanomsebenzi ngenxa yokungenelela kwanezenzo zabantu. Iindawo ezinkulu ngaphakathi kule ndawo yeprojekthi zikhonjwe njengeNdidi zezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo ezibaluleke kakhulu. Ezi ndawo zibalulekile kulondolozo lwendalo njengoko kukho kuzo izilwanyana nezityalo ezibalulekileyo kwanezingakhula apho.

Uncwadi olungeZinto Ezingamagugu eSizwe kwakunye nophengululo loluhlu lubonisa ukuba ezi ntlobo zezibonelelo zamagugu esizwe kukho ithuba elikhulu lokuba zingakho kule ndawo yophando:

- Iindawo ezinxulumene namasiko abaliswa ngomlomo okanye izinto eziphilayo ezingamagugu esizwe
- Imbonakalo yomhlaba kwakunye nobume bendawo
- Iindawo zamandulo zokungcwaba, kunye
- Neziza ezingezakudala.

Iprojekthi le ichaphazela iingingqi ezintathu zoomasipala, owaseJoe Gqabi, owase-O. R. Tambo kunye nowise-Alfred Nzo. Kwezi ngqingqi zintathu, iJoe Gqabi yeyona ithatha indawo yomhlaba enkulu kwaye noko enoxinano lwabantu okusezantsi kwingingqi ngokubanzi nalapho uxinano lwabantu lungabantu abayi-14 kwi-km$^2$ ngelixa ingingqi yase-O. R. Tambo iyeyona inabantu abaninzi kunye noxinano lwabantu oluphezulu olungabantu abayi-110 kwi-km$^2$. Ngokunxulumene neqela lohlanga abantu abamnyama lelona qela labantu likhulu nelingaphaya kwe-90% kuzo zonke ezi ngingqi. Ulwimi lwesiXhosa lolona lwimi luthethwayo kwindawo ephakathi kwe-70.5% kunye ne-94.2%.

Kwingingqi yaseJoe Gqabi laliphezulu inani labantu abanentsholongwane kaGawulayo, i-HIV, ngo-2011, ingakumbi kwabasetyhini abakhulelweyo ngonyaka malunga nomlinganiselo oyi-29.3%. Emva kwayo kulandela ingingqi kaMasipala wase-Alfred Nzo ngomlinganiselo oyi-28.9% kuze emva koko ibe yi-O. R. Tambo ngomlinganiselo oyi-28.4%.

Iprojekthi le ichaphazela aba masipala bendawo bane: owaseLundini, eMhlontlo, eMzimzubu nowakuNtabankulu. OwaseLundini ngowona uthatha indawo enkulu eyi-5,065 km$^2$ uze owona unendawo encinci ibe ngowakuNtabankulu onendawo eyi-1,385 km$^2$. Njengoko umasipala wakuNtabankulu unabantu abayi-123 976 ngowona unoxinano lwabantu

oluphezulu nolungabantu abayi-90 kwi-km$^2$. Umasipala waseMzimvubu ngowona unabantu abaninzi abayi-191 620 abahlala kule ngingqi kamasipala. Abantu abaMnyama nabangaphezelu kwe-98 % lelona qela labantu lininzi kwaba masipala bonke kwaye isiXhosa lolona lwimi lukhulu luthethwayo.

Imilinganiselo ngokwesini kuzo zonke ezi ndawo ibonisa ukuba ukuba elona nani liphezulu lelabantu basetyhini xa kuthelekiswa nabangamadoda, nalapho iNtabankulu inelona nani liphezulu labantu basetyhini kunabangamadoda ize ingingqi yaseLundini ibenelona nani liphantsi. Ngaphandle kwengingqi yaseJoe Gqabi, nalapho i-49.3% yemizi ineentloko ezingabantu abangoomama, zonke ezinye iindawo zinepesenti enkulu yemizi eneentloko ezingabantu abangoomama kunabangootata nalapho ipesenti ephezulu yemizi eneentloko ezingabantu abangoomama ingu-60.4% kuNtabankulu. Iindawo zokuhlala ezisemgangathweni ezininzi zikwingingqi yaseJoe Gqabi ize eyona pesenti isenzantsi yezi ndawo zokuhlala zisemgangathweni nengu-24.3% ibekuNtabankulu. Umasipala wasekuhlaleni wakuNtabankulu uneyona pesenti iphezulu engu-64.4% wezindlu apho abanikazi bazo izezabo okanye sele bezibhatele ngokupheleleyo, uze umasipala oneyona pesenti isezantsi engu-53.9% ibe ngulowo waseMhlontlo.

Umlinganiselo woxhomekeko uphezulu kakhulu kule ndawo yophando nanto leyo ebonisa ukuba ubunzima bokuxhasa abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-15 kunye nabantu abadala abangaphezulu kweminyaka engama-65 buthwelwe ngabo bantu basebenzayo abaphakathi kweminyaka yobudala eli-15 ukuya kwengama-64. Nangona kuthe kwakho ubungcono kuzo zonke iindawo phakathi konyaka ka-2001 noka-2011 obu bunzima boxhomekeko busephezulu ingakumbi kuNtabankulu.

Ngaphakathi konyaka ka-2001 nalowo ka-2011 bonke oomasipala owaseMhlontlo, owaseMzimzubu nowakuNtabankulu babonakalisa ukwehla kukukhula kwamanani abantu ngelixa ingingqi yomasipala wase-O. R. Tambo yona yathi yabonisa ukukhula okuphezulu kwamanani abantu nge-0.52%.

Ngokunxulumene nomba wengqesho, elona qondo liphezulu lokungabikho kwengqesho esisigxina neliku-50.6% likuNtabankulu ngelixa elona qondo lisezantsi likwingingqi yaseJoe Gqabi ku-35.4%. Kulutsha oluphakathi kweminyaka yobudala eli-15 nama-34 iNtabankulu kananjalo inelona qondo liphezulu labantu abangenamisebenzi neliku-60.7% ngelixa ingingqi yaseJoe Gqabi iseyiyo eneqondo elisezantsi ku-43.3%

Imeko yokufunda kule ndawo yaye yangcono noko phakathi konyaka ka-2001 noka-2011. Nangona kunjalo ke kodwa, kusafuneka iphuculwe nangakumbi nalapho iingingqi ezifana naleyo yakuNtabankulu nase-O. R. Tambo zisenabantu ababudala abangaphezulu kweminyaka eyi-20 nabangaphezulu kwe-17% abangazange baye esikolweni. Ephondweni i-10.5% yabantu abakwiminyaka yokudala engaphezulu kwama-20 abazange baye esikolweni, ize i-19.8% ibe nematriki ngelixa i-8.7% inemfundo ephakamileyo. Lo nto ke ithetha ukuba iqondo lemfundo kuzo zonke iingingqi kunye nakoomasipala basekuhlaleni

lingaphantsi kwelo lephondo, nalapho inguMzimvubu kuphela, noku-8%, onepesenti esezantsi yabantu abangayanga esikolweni.

Umyinge wobukhulu bamakhaya kule ndawo uphakathi kuka-3.6 Elundini kunye no-5.1 kuNtabankulu.

Ngokubhekiselele kwiinkonzo zasemakhaya, ngaphandle kombane oyiyeyona ndlela yokukhanyisa ezindlini, nangaphandle kwengingqi kamasipala wendawo waseMhlontlo kunye nalowo wase-O. R. Tambo, ngokubanzi iNgingqi kaMasipala waseJoe Gqabi yeyona ineqondo eliphezulu lonikezelo ngeenkonzo. INtabankulu inelona qondo lisezantsi lonikezelo ngeenkonzo kuzo zonke izibonakalisi.

Umlinganiselo emizi onezinto ezizezabo zasemakhaya kule ndawo ungaphantsi kunalowo wephondo. Ngokubanzi, imizi kumasipala waseJoe Gqabi enomlinganiselo ophezulu wezinto zasemakhaya ezizezabo kunabanye oomasipala bebonke nalapho umlinganiselo kumasipala wakuNtabankulu wemizi enezinto ezizezawo ungowona usezantsi.

Nangona bukhona ubungcono kwezi ngingqi ngokubanzi, le ndawo iseyenye yeendawo ezihluphekayo elizweni, nalapho iqondo eliphezulu lendlala lixhaphakileyo kwakunye nokuhamba kwabantu beyishiya indawo le, nanto leyo yenza ukuba kubekho ukungalingani kwimilinganiselo ngokwesini, amakhaya amaninzi aneentloko ezingabantu basetyhini futhi nomlinganiselo wokukhula kwamanani abantu usezantsi. Ngokubanzi abantu kule ndawo abanazo izinto ezisisiseko zokuphila kwaye baxhomekeke kakhulu ekufuyeni nako okungaqhubeli phambili kangako.

Indawo yophando yindawo yasezilalini, apho abantu bengabaninzanga kakhulu futhi akukho nto ingakho yenzekayo ngokunxulumene nezoqoqosho. Umhlaba usetyenziswa kakhulu ekudliseni imfuyo kunye nokulima.

Iprojekthi ecetywayo ikumhlamba ongokarhulumente nophantsi kolawulo lwabasebukhosini. Ngoko ke umhlaba lo ungaphantsi kwezicwangciso zolawulo lwabahlali. Ngokwale nkqubo, uRhulumente ungumnikazi womhlaba, kodwa ke ulawulwa kwaye wabelwe abahlali ziiNkokheli Zasebukhosini.

Malunga ne-37.7% yemizi eMpuma Koloni athi azibandakanya kwezolimo kwisithuba esiphakathi kukaJuni 2011 ukuya kuJuni 2012. Kule mizi i-24.8% yathi yazibandakanya kufuyo lweenkukhu, yaze i-20.5% yazibandakanya kufuyo lwempahla emfutshane, i-19% kwizityalo esikukutya, i-19.9% kwiziqhamo nemifuno ngelixa yayiyi-0.2% kuphela eyazibandakanya kwizityalo zoshishini (Statistics South Africa, 2012, pp. 2-3). Kwimizi ekwiphondo nathi azibandakanya kwimisebenzi yolimo lwezityala ezahlukeneyo, i-23.8% babekwizitiya zasezindlini, i-0.2% kwizitiya zasekuhlaleni ngelixa i-0.1% ikwizitiya zasezikolweni. Ipesenti yamakhaya eyayibonakala ikwazi ukufumana ukutya okwaneleyo yayiyi-72% ngelixa i-19.4% yamakhaya yayingafumani kutya kwanele kangako ize i-8.8% ibe

yileyo ingafumani kutya kwaneleyo kwaphela. Nangona kungekho zinkcukacha-manani zinxulumene ngqo nendawo yophando ngokubhekiselele koku, le meko ayicingi yohluke kangako kule ndawo yophando.

Uhlolo olwenziwe phezulu lwendawo lubonisa ukuba zehlile izityalo eziveliswayo ngoku kunangaphambili, kuqikelelwa ukuba umalunga ne-20% umhlaba obukade ulinywa ngaphambili osalinywayo nangoku. Ngaphambi kuka-1994, zazininzi iindlela zokuxhasa abalimi basekuhlaleni kule ndawo kwaye iintsapho ezininzi zazivelisa umbona owoneleyo (nokukokona kutya kutyiwayo kule ndawo) ukuze zikwazi ukutya. Ayisenzeki ngoku lo nto kwaye le ndawo ngoku umbona iwufumana kwiindawo zangaphandle.

Ukulima okunkcenkceshelwayo ayiyondlela yokulima eqhelekileyo kule ndawo kwaye kuya kufuneka ukuba uluntu lubandakanywe kangangoko ukuze abahlali kunye neenkosi siwamkele lo mbono kwanokuguqula eli candelo.

## 7. Imiba ephambili

Eyona njongo yolu Vavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo kukunika elona gunya lolawulo lifanelekileyo ulwazi oluludingayo ukuze likwazi ukwenza isigqibo malunga nokuba iprojekthi le ingaqhubela phambili na okanye hayi, ithi ukuba iyaqhubeka iqhubeke ngaphantsi kweziphi na iimeko. Olunye uchaphazeleko ngexesha lokwakhiwa kwanelokusebenza kweprojekthi luza kudinga iindlela zokulawulwa kwanokubekelwa iliso kokusingqongileyo, kodwa ke oko kungathethi ukuba ezo iyakuba zizinto ezisetyenziswayo ukuthatha isigqibo sokuba iprojekthi le iyagunyazwa na okanye hayi. Olu chaphazeleko luyaqwalaselwa kwiNkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo, kodwa ke akudingeki phando lwazingcali neyakuthi iNgxelo Yempembelelo kokusiNgqongileyo iza kuthi ixhomekeke kulo. Injongo yokuchonga imiba ephambili kukugxininisa uphando leengcaphehe kunye novavanyo lwempembelelo kwimiba kwanakuchaphazeleko olulolona luza kuthi lubaluleke xa kusenziwa isigqibo sokugunyazisa iprojekthi le kwanangokunxulumene neemeko egunyaziswa ngaphantsi kwazo iprojekthi.

### 7.1 Imiba ephambili eza kuqwalaselwa kUvavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo

Le miba iphambili ilandelayo iza kuthi iqwalaselwe kUvavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo:

- Impembelelo kwizinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo iza kuhlolwa kwiSigaba Sovavanyo Lwempembelelo ngokuthi kwenziwe uphando kwizityalo nezilwanyana esele zikhona kuze kuhlolwe ukuba ingaba iprojekthi le icetywayo iza kuzichaphazela njani zona.
- Impembelelo kwimilambo kunye nakwimigxobhozo iza kuhlolwa kwiSigaba Sovavanyo Lwempembelelo ngokuthi kwenziwe uphando ngokucaciswa kwemigxobhozo esele ikhona kuze kuhlolwe ukuba ingaba iprojekthi le icetywayo iza kuzichaphazela njani zona. Kananjalo kuza kuhlolwa ukuchaphazeleka okungathi kubekho kukusulungeka nobulunga bamanzi.

- Kuza kwenziwa uqinisekiso lokuba akhona amanzi Agcinwayo emazantsi esiza saseLaleni ukulungiselela iinjongo zovavanyo kwanezolawulo. Injongo yoqinisekiso Lokugcinwa kwamanzi kukuqinisekisa ukuba uphuhliso olucetywayo lolwakhiwo alunampembelelo kukukwazi kwenkqubo ukunikezela ngeemfuno zamanzi ngokubhekiselele kumalungelo abantu kwanezinto eziphilayo neendawo eziphila kuzo.
- Uphando lwengcali kwezentlalo luza kukhangela impembelelelo engathi ibentle nengathi ingabintle kwezentlalo kwindawo yokuhlala abantu kwindawo leyo yophando. Oku kuza kuquka impembelelo engathi ibekhona kaGawulayo kunye nentsholongwane yakhe i-HIV. Ukuphela kwezakhiwo kunye nezibonelelo ezixhasa ezokuphila kuza kuchazwa kwiregista yeSicwangciso Somsebenzi Sokususa Izinto.
- Uphando lwengcali kwezoqoqosho luza kujonga ukuba ngaba iprojekthi le iza kuyiphucula intlalontle yoluntu. Ngokubanzi, ukuhlola uchaphazeleko kwintlalontle ngokubanzi kudinga intsulungeko egqibeleleyo kunye nokuzinza lweprojekthi.
- Ezona zibonelelo zibalulekileyo zezinto ezingamagugu esizwe ekungenzeka ukuba zichatshazelwe yiprojekthi le icetywayo inokuba ziindawo ezinxulumene nezithethe ezibaliswayo kunye nezinto eziphilayo ezingamagugu esizwe, imbonakalo yomhlaba kunye nezinto zendalo kwakunye nezisa ezingezakudala. Iprojekthi le iza kudingeka ukuba kwenziwe uphando ngezidalwa zakudala njengoko iNkqubo Yogcino Lwezibonelelo Zamagugu eSizwe yaseMzantsi Afrika (SAHRIS): Imephu kaZwelonke Yobuthathaka beeFosili ibonisa ubuthathaka obuphezulu bothelekelelo ngezidalwa zakudala.
- Iprojekthi ecetywayo iza kuyitshintsha imbonakalo yomhlaba kwaye ibuchaphazele ubunjani bendawo. Konke oku kuza kuqwalaselwa kuvavanyo lwempembelelo kwimbonakalo.

7.2 Imiba engazukuqwalaselwa kUvavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo

- Impembelelo yokutshintsha kwemozulu kwindawo le, nakwiprojekthi ke ngoko, yinkqubo eqhubeka njengenxalenye yenkqubo ende ngokubhekiselele kwixesha kwaye inkulu ngokunxulumene nendawo eyijongayo kunaleyo yale projekthi. Kuyaqondwa kona ukuba kungenzeka ibe nkulu kakhulu impembelelo kwanokwenzeka kayo njengoko kuchaziwe apha ngasentla. Oku ke kuza kuqwalaselwa kuphando olufanelekileyo olwenziwa ziingcali ezahlukeneyo ngokuthi kusetyenziswe inqobo yokukhusela. Igalelo lale projekthi kukutshintsha kwemozulu kule ngingqi kuza kuqwalaselwa kwiSicwangciso soLawulo lokusiNgqongileyo. Ngoko ke akukho phando lwengcali yokutshintsha kwemozulu luza kwenziwa.
- Kungoku nje umhlaba okwindawo yophando ngumhlaba obukhulu bawo ongaphantsi kolawulo labahlali kwaye osetyenziselwa ukulima (ekuhlaleni) kunye nokutyisa imfuyo kumhlaba ongokaRhulumente. Ngaphantsi kwale nkqubo ke uRhulumente nguye umnikazi womhlaba, kodwa ulawulwa kwaye wabelwe kubahlali bendawo kunye neeNkokheli Zasebukhosini. Nangona ke inkqubo le, ngaphandle kwetayitile yomhlaba, ibonakala ngokungathi izinzile kwaye isebenza ngokukuko kuyadingeka ukuba iqwalaselwe ngokutsha ngexa yeemeko zokufuya nalapho inzuzo kumfama ithi ibeyeyona ibaluleke kakhulu.

- Izinto eziyinxalenye yolwakhiwo lwale projekthi nekufanele ukuba sigunyaziswe nezixhaswa lolu Vavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo ziquka kwanonikezelo lwamanzi. Izicwangciso zolawulo lomhlaba kunye nenkxaso aziyonxalenye ke ngoko yolu Vavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo.
- Kungenzeka kukwazi ukuba andiswe amahlathi kwindawo esemantla kwesiza sedama. Kodwa ke, oku kuya kuthi kuwanciphise amanzi akhoyo kwaye kungathi kube negalelo kwimpumelelo yokuveliswa kombane. Nakuphi na ukwandiswa kwamahlathi ke ngoko kwakufuneka kucwangciswe ngokubhekiselele kusebenziseko lwamanzi kwanolomhlaba. Oku ke ngumba oza kuthi ujongwe kwinkqubo yocwangciso esecaleni kwaye awuyonxalenye yolu Vavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo.
- Akukho mathuba ngokubhekiselele kulwakhiwo lwezindlu anokuthi abekho athe achongwa ngokunxulumene namadama la acetywayo, kunye
- Nemisebenzi eyenziwa njengenxalenye yeNkqubo yoLungiso noLawulo lamaDama amananzi emvula yeSebe Lemicimbi yokusiNgqongileyo.



**Umboniso 4: Iindonga kwindawo yeDama laseNtabelanga**

## 8. Isicwangciso sophando sovavanyo lwempembelelo kokusingqongileyo

UVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo luza kongeza kwingxelo Yokuhlela Umsebenzi luze lugxininise ekuvavanyeni ezona mpembelelo nochaphazeleko olumandla, lukhangele ukubaluleka kweezi mpembelelo, luze lunike iingcebiso malunga neendlela ezifanelekileyo zokwehlisa iimpembelelo ezingentlanga kwakunye nokuphucula iinzuzo (Apho kudingekayo, apha kuya kubandakanywa igalelo leengcali. Okuqulathwe kwiNgxelo

Yempembelelo kokusiNgqongileyo kuza kufana nokumiselwe kwiMimiselo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo, ka-2010 (uMmiselo 31(2)).

Eminye yemiba ephambili ethe yachongwa kwiSigaba Sokuhlela Umsebenzi iza kudinga uphando olungaphezulu oluza kuthi lwenziwe ziingcali ezinamava neziqeqeshiweyo. Uphando lweengcali oluza kuthi lwenziwe kwisigaba soVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo ludwelisiwe apha ngezantsi. Olu phando luza kuhlanganiswa kuvavanyo lwempembelelo ngokubanzi (iingxelo ezizeleyo ziza kufakwa njengezihlomelo kwiNgxelo i-EIR), zize iingcebiso zokunciphiswa impembelelo zifakwe kwi-EMP. Okuqulethwe kuzo zonke iingxelo zeengcali kuza kuquka ulwazi njengoko lumiselwe kuMmiselo 32(3) weMimiselo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo, ka-2010.

8.1 UVavanyo Lwempembelelo kwezeNtlalo

Injongo yoVavanyo Lwempembelelo kwezeNtlalo kukujonga iimeko ezisisiseko zentlalo iprojekthi le ecetywayo eza kwenzeka ngaphantsi kwazo. Ngokusekelwe kolu lwazi, kwanakwinkcazelo ngeprojekthi le, injongo kukukhangela, ukuhlola kwanokwehlisa iimpembelelo ezinokuthi zibekho kwezentlalo ngenxa yeprojekthi le icetywayo. Kuza kusetyenziswa indlela ezahlukeneyo kuphando lonke, kwindlela yophando.



**Umboniso 5: Imizi kwindawo yeprojekthi**

8.2 UVavanyo lweZinto Eziphilayo neeNdawo Eziphila Kuzo

Olu vavanyo luza kuquka uphando oluphezulu kwakunye nomsebenzi oza kwenziwa ngqo kwiziza. Igalelo malunga nezinto ezizintyatyambo kwanezilwanyana zelizwe elithile zengxelo yokuhlela umsebenzi, neza kuquka oko kufunyenwe kuphando oluphezulu kwakunye nokutyelelwa kwesiza okokuqala, kuquka izimvo ezinxulumene nokugqibelela kwendawo kwakunye nokubaluleka kwayo, ukutyeba kwezityalo, ixabiso leendidi zezityalo nezilwanyana ezohlukeneyo ezindaweni kunye nemisebenzi yolawulo ecetywayo ngokunxulumene neendawo kwanezityalo ezibuthathaka. Uvavanyo lwendawo luza kuqaliswa ngokuqale kuchongwe iindawo ezinezakhiwo ezahlukeneyo nezahlukeneyo

ngokwamaqondo ophazamiseko. Kuza kwenziwa uvavanyo olwenziwa kwisiza lwendawo nganye ukukhangela Ubunjalo Bangelo Xesha Bendawo; kuza kuqulunqwa izintlu Zezityalo ezichongiweyo kulo ndawo yophando; kuza kuqulunqwa isicwangciso esingobuthathaka besiza; kuze kuhlolwe ukuba ngaba akukho Luhlu lwezityalo Ezikuluhlu Olubomvu (RDL) na.

8.3 Uvavanyo lobudlelwane bendalo emanzini kunye nemigxobhozo

Ukucaciswa kwemigxobhozo ngemizobo kuza kuqaliswa njengophando oluphezulu, nalapho lonke ulwazi olufanelekileyo olufumaneka koovimba yophando, kwakunye nakumaxwebhu asele ekhona luza kuthi luhlalutywe ukuze kuqulunqwe iingcaciso zokuqala zemigxobhozo. Lukhona ulungiselelo olwenziweyo ngokubhekiselele ekucacisweni okuphangaleleyo kwemigxobhozo kwezo ndawo zikhethiweyo zibanga umdla okanye zixhalabisayo, kuquka nokuqwalaselwa kweendawo ezinokuthi zichatshazelwe zizikhukhula kwanakwezo ndawo luzokwenzeka kuzo ulungiso.

8.4 Uvavanyo lwempembelelo kwimbonakalo

Uphando lwengcali luza kuquka inkcazelo malunga nembonakalo yomhlaba kwindawo leyo kugxininiswe nangakumbi kwinkcazo-mphandle; Inkcazelo ngeendawo ezibalulekileyo neza kubonwa ngakuzo iprojekthi le icetywayo (icala eza kujongwa ngakulo) kwakunye nomgama eza kujongwa kuwo; Uvavanyo lokukwazi kwembonakalo yomhlaba ukumelana nokuthile (ukutsho oko, ukukwazi kwembonakalo yomhlaba ukumelana nezakhiwo kwaneendlela ezibekwe ngaphezu kwawo ngokwembonakalo). Kufuneka kunikwe ingqwalasela enkulu kulondolozo lwenzawo, ezokhenketho, ubudlelwane bendalo nezokhenketho kunye nemisebenzi enxulumene noko, kwakunye neempembelelo ezingathi zibekhona ngokwendawo; Ukuchongwa kweempembelelo ezingathi zibekho (ezintle nezingentlanga, kuquka neempembelelo ezongezelelekayo xa kufanelekile) zoko kucetywayo kwimbonakalo yomhlaba ngexesha lokwakha kwanangelokusebenza; Iingcebiso malunga neendlela ezingezinye eziphakanyisiweyo, ukuthintela iimpembelelo ezingentlanga; Ukuchongwa kweendlela zokunciphisa impembelelo ukuze kuphuculwe iinzuzo kananjalo kuthintelwe, okanye kwehliswe iimpembelelo ezingentlanga kunye nobungozi (kumele ziphunyezwe ngethuba loyilo, lokwakha kwanelokusebenza kweprojekthi ecetywayo); kunye Nokuqulunwa kwenkqubo elula necacileyo yokubekela iliso iimpembelelo, kunye nolawulo lwayo, ngokusekelwe kwizibonakalisi ezingundoqo.

8.5 UVavanyo Lwempembelelo kwiZinto Ezingamagugu eSizwe

UVavanyo Lwempembelelo kwiZinto Ezingamagugu eSizwe luzokwenziwa ngokuthobela imimiselo yeCandelo 38 loMthetho kaZwelonke weZibonelelo Zamagugu eSizwe onguNombolo 25 ka-1999 futhi luquke zonke izibonelelo zamagugu esizwe, kuquka iziza zezidalwa zakudala, kwakunye neengcebiso malunga nolawulo lwazo.

8.6 UVavanyo Lwempembelelo kweZoqoqosho

Kuza kwenziwa Uhlalutyo Olubanzi Lwempembelelo kweZoqoqosho (MEIA) kwakunye noHlalutyo lweNkcitho kunye neeNzuzo kuQoqosho. Olu hlalutyo lwempembelelo kwezoqoqosho luza kugxininisa kuqoqosho olubanzi, lugxininisa nangakumbi

kunxulumelwano phakathi kweprojekthi le kunye noko kuseleyo kuqoqosho olufanelekileyo. Izinto zangaphandle kokusingqongileyo zinganegalelo kwamanye amacandelo ezoqoqosho kwaye zifakiwe kwizixhobo zovavanyo lwempembelelo kuqoqosho olubanzi. Kananjalo kuza kuvavanywa impembelelo kwintlalo nakuqoqosho lwasekuhlaleni, olwengingqi kunye nolukazwelonke. Owona msebenzi usisiseko wengcali yezoqoqosho kwinkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo kukuncedisa ekugqibeni ekubeni ingaba iprojekthi le iza kuyiphucula intlalontle yoluntu. Oku ke kuthi kudinge ukuba kwenziwe uhlalutyo lweempembelelo kumacandelo okanye amaqela awohlukeneyo ayinxalenye yoluntu. Ngokubanzi, uvavanyo lwempembelelo kwintlalontle ngokubanzi ludinga intsulungeko egqibeleleyo kunye nokuzinza kweprojekthi. Kubalulekile ukuba ziqwalaselwe zontathu ezi zinto ukuze kukwazi ukuba iklayenti inikwe ulwazi olwaneleyo:

## 8.7 Ubulunga bamanzi

Kuza kwenziwa uhlalutyo lobulunga bamanzi luze uVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo kwakunye neSicelo seMvume Yokusebenzisa Amanzi zisekelwe kuhlalutyo olo. Uhlalutyo luza kugxininisa kukulunga kwamanzi ukuba angasetyenziswa. Phakathi kwezinto eziza kuqwalaselwa kuphando malunga nobulunga bamanzi yimpembelelo engentlanga engathi ibekho xa kunokuthi ingenziwa iMisebenzi Yokucoca Inkunkuma Emanzini. Imiba enxulumene namandla amanzi sele iqwalaselwe kuphando olungaphambili kwaye umba wamandla amanzi ofanelekileyo uza kukhutshwa njengoko kudingeka.

## 8.8 Indlela yokwenza uvavanyo lwempembelelo

Imiba ephambili ethe yaqaqanjiswa kwiSigaba Sokuhlela Umsebenzi yiyo eza kuhlahla indlela ngokuphathelele kuphando oluza kwenziwa ziingcali, njengoko kushwankathelwe apha ngasentla. Umba ngamnye unamagatya nathi xa ezimele ngokukodwa okanye xa ehlangene namanye akhokhelele kwimpembelelo engathi ibekho, nokuba ngaba intle okanye imbi na, ukusuka kwiprojekthi ukuyotsho kokusingqongileyo okanye ukusuka kokusingqongileyo ukuyotsho kwiprojekthi. KuVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo ubunzulu beempembelelo ezingathi zibe khona buza kuqwalaselwa ngaphambi kwanasemva kokuba kuphunyezwe iindlela zokunciphisa impembelelo leyo, nokuba ngaba yethe ngqo, engathanga ngqo, kunye neyongezelekayo, kwixesha elifutshane nakwelide.

Kuza kunikezwa inkcazelo malunga nobunjani bempembelelo, naziphi na iimfuno ezithe ngqo ngokwasemthethweni kwakunye nenqanaba (elokwakha okanye elokwenza umsebenzi). Iimpembelelo zithi zithathwe njengezifanayo ngethuba lokwakha.

Kuza kusetyenziswa ezi nqobo zilandelayo ukugqiba malunga nobunzulu bempembelelo:

- Indalo: Oku kukuqwalaselwa kohlobo legalelo oza kuthi umsebenzi ube nalo kwindawo ebandakanyekayo kokusingqongileyo. Inkcazelo iquka oko kuchaphazelekayo kwanokuba kuchaphazeleka njani na. Ubunjani bempembelelo buza kuchazwa njengobuhle okanye obubi, kunye nobuthe ngqo okanye obungathanga ngqo.
- Ubungakanani kunye nendawo: Oku kubonisa indawo engathi ichaphazeleke.

- Ixesha: Le ilinganisa ixesha eliza kuthathwa yimpembelelo leyo.
- Ubunzulu/ubuzaza: Eli liqondo iprojekthi eza kuthi ikuchaphazele ngalo okanye ikutshintshe ngalo okusingqongileyo, kuquka umlinganiselo wokukwazi ukuyilungisa implembelelo leyo.
- Ingaba kungenzeka ilahleko kwizibonelelo ekungenakufumaneka ezinye endaweni yazo: Eli liqondo apho iprojekthi iza kuthi idale ngalo ilahleko yezibonelelo ekungenakufumaneka ezinye endaweni yazo.
- Okungathi kwenzeke: Oku kubhekiseleke koko kunothi kwenzeke okanye amathuba okwenzeka kwempembelelo le.
- Ingqiniseko: Eli liqondo lolwazi okanye iinkcukacha ezikhoyo, nenazo ingcali kwiimpembelelo zokusingqongileyo ngokokugqiba kwayo.
- Iziphumo: oku kubala njengobunzulu + ixesha + ubuzaza + nokuchaphazeleka okungathi kwenzeke kwizibonelelo ekungenakufumaneka ezinye endaweni yazo.
- Ukubaluleka: Ukubaluleka kuza kulinganiswa ngokuhlanganisa iziphumo zempembelelo kunye namathuba okuba ngenene ingenzeka (ukutsho oko, isiphuma x amathuba okwenzeka kwayo = ukubaluleka).
- Iimpembelelo Ezongezelekayo: Oku kubhekiselele kwiziphumo ezihlanganisiweyo, eziye zisenyuka zempembelelo. Iimpembelelo ezinokuthi ziye zisongezeleleka ziya kuqwalaselwa.
- Ukunciphisa: Ukuncitshiswa kwemiba ebalulekileyo kuya kuba yinxalenye yeSicwangciso soLawulo lokusiNgqongileyo.

## 8.9 INkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo

Ngokusekelwe koko kuthe kwafunyaniswa kwiNgxelo yeMpembelelo kokusiNgqongileyo, kuza kuqulunqwa iNkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo esebenzayo. Le Nkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo iza kubonisa ngokuphandle ukuba ziza kulawulwa njani na futhi zincitshiswe njani iimpembelelo ezingentlanga, kwanokuba ezo mpembelelo zintle zona ziza kugqanyiswa nangakumbi kanjani na, ngexesha kwanasemva kwexesha lokwakha. INkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo iza kuzalisekisa iimfuno zesaziso sikarhulumente esingu-GN 543 futhi iza kuquka iindlela zokunciphisa impembelelo ezidingekayo kwisigaba socwangciso, esokwakha nesokwenza umsebenzi weprojekthi kananjalo ibe sisikhokelo sokubekela iliso ezentlalo kunye nezokusingqongileyo. Kuza kunikezelwa ngeengcebiso ngokuphathelele kumaqela abandakanyekayo ekuphumezeni iNkqubo yoLawulo lokusiNgqongileyo.

## 8.10 ISicwangciso Somsebenzi Sokususa Izinto

ISicwangciso Somsebenzi Sokususa Izinto (RAP) siza kungeniswa njengeSahluko kwiSicwangciso soLawulo lokusiNgqongileyo. ISicwangciso Somsebenzi Sokususa Izinto siza kugxininisa kwezi zinto zilandelayo:

- Ukuqinisekisa ukuba akukho kususwa kwezinto, ukubonelelwa okanye impazamo ngokunxulumene nokuphila okunokuthi kube negalelo kwisigqibo sokuba iprojekthi ingaqhubeka na okanye hayi;

- Ukukhangela naziphi na iimeko ezinxulumene nokususwa kwezinto, ukubonelelwa okanye ukuphila ekufanele zichazwe kwiSigunyaziso sokusiNgqongileyo;
- Ukuqikelela ubukhulu bomsebenzi wokuphumeza iSicwangciso Somsebenzi Sokususa Izinto;
- Ukuvumelana ngokwakheka okugqibeleleyo kweSicwangciso Somsebenzi Sokususa Izinto (ukutsho oko, zintoni izinto eziza kufakwa); kunye
- Nokususa izithintelo ezinokuthi zibekho neziya kuthi zilibazise ukuphunyezwa.

## 9. Ukuthatha inxaxheba koluntu kwisigaba soVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo

Iimfuno ngokweMimiselo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo zoMthetho woLawulo lokusiNgqongileyo kaZwelonke (ka-2010) ngokunxulumene neNkqubo yoLuntu Yokuthatha Inxaxheba ziza kuthotyelwa. Kananjalo kuza kusetyenziswa iinqobo zeQumrhu Lokuthathwa kweNxaxheba luLuntu kuMhlaba Jikelele (IAP2), kuquka iindlela ezikhethekileyo ezifana neentlanganiso ezongezelelweyo zamaqela ajonga imiba ethile, ukusetyenziswa kwabantu basendaweni abongamela iintlanganiso, kwakunye nokuguqulwa kwamaxwebhu, izaziso kunye neencwadi zezaziso ukusuka kwisiNgesi ziguqulelwe esiXhoseni.

ILISO liza kuthi gqilo lisazisa amaqela achaphazelekayo ngako konke okwenzekayo ngalo lonke ixesha lenkqubo. Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo kwakunye noluntu aya kwaziswa xa sele ifumaneka ingxelo yoVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo equlunqwayo (ngokuthi athunyelelwe isaziso esibhaliweyo onke amaqela achaphazelekayo abhalisileyo), kwakunye nesigqibo sabasemagunyeni kananjalo nangenkqubo yokufaka izibheno ngokunxulumene nezicelo ezahlukeneyo (ngokufaka isaziso kwiphephandaba kwakunye nesaziso esibhaliweyo esiya kuwo onke amaqela achaphazelekayo abhalisileyo).

Iingxelo eziqulunqwayo ziza kuhanjiswa kuzo zonke iindawo zikawonke-wonke kuze kananjalo kuqinisekiswe ukuba ziyafumane ngexesha leentsuku ezingama-30 zokuba uluntu lungenise izimvo zalo. Kananjalo iingxelo ezi ziqulunqwayo ziza kudluliswa kwiintlanganiso zamaqela achaphazelekayo, nalapho Amaqela Anomdla Nabandakanyekayo aza kuthi akwazi ukuqinisekisa ukuba izimvo zawo zingeniswe ngokukuko, zaqondisiswa liqela lokusingqongileyo, kwaye zafakwa kuphando lweengcali kwanakuvavanyo lwempembelelo. Amaxwebhu asele egqityiwe aya kufumaneka kuluntu ukuze lukwazi ukungenisa izimvo zalo ixesha eliziintsuku ezingama-21 zekhalenda aze ke angeniswe kwabasemagunyeni. Amaxwebhu aqulunqwayo kunye nalawo agqityiweyo aya kufakwa kwiwebhusayithi yeSebe Lemicimbi Yamanzi ukuze afumaneke kuyo.

Yonke imiba kwanezimvo ezingenisiweyo ngexesha lenkqubo yokubonisana namaqela achaphazelekayo ziza kufakwa kwiNgxelo yeMiba neeMpendulo neza kuthi ibe siSihlomelo kwiNgxelo yoVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo.

Abasemagunyeni abafanelekileyo baza kuhlala besaziswa ngenkqubela-phambili yoVavanyo lweMpembelelo kokusiNgqongileyo ngendlela yeForam Yabasemagunyeni.

## 10. Inkqubo

Ngenxa yokubaluleka okukhulu kwale projekthi, kuphunyezwa inkqubo yokuba ikhawuleziswe. Nangona oku kukhawuleziswa kweprojekthi kungazuyibeka emngciphekweni inkqubo esemthethweni yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo ukuba ngaba amaxesha abekiweyo okwenza umsebenzi ayaphunyezwa, bukhona bona ubungozi obungakho ngokunzulumene nokwenzeka kwezinto ngendlela egqibeleleyo ukuba ngaba ewonke amaqela achaphazelekayo athe akasebenzisana ngokubambisana okukuko. Nangakumbi, iingcali kuya kudingeka ukuba ziqalise ngophando lwazo ngaphambi kokwamkelwa kwe-PoS zoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo liSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo.

Kananjalo, inkqubo ekhawuleziswayo iya kudinga ukusebenzisana nokubambisana okugqibeleleyo phakathi kwabo basemagunyeni ekufuneka bengenise izimvo zabo kwakunye namaxesha ancitshisiweyo okwenza uhlalutyo kwakunye nenkqubo yokuthatha izigqibo liSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo.

Ezona zinto zibalulekileyo ekufanele zenzeke kwinkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo zishwankathelwe apha ngezantsi:

- Ixesha lokungeniswa kwezimvo luluntu kusenzelwa ingxelo yokugqibela Yokuhlela Umsebenzi kunye nokungeniswa kwengxelo yokugqibela Yokuhlela Umsebenzi kwiSebe Lemicimbi Yokusingqongileyo: ngoJuni 2014
- Isigaba soVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo (kuquka uphando lweengcali): ngoJulayi ukuya kutsho kuSeptemba 2014
- Ixesha lokungeniswa kwezimvo luluntu kusenzelwa iNgxelo yeMpembelelo kokusiNgqongileyo (EIR) equlunqwayo kunye ne-EMP: ngoSeptemba 2014
- Ukungeniswa kweNgxelo yeMpembelelo kokusiNgqongileyo egqityiweyo: ngoNovemba 2014.

## 11. Isiphelo kunye neengcebiso

Eyona njongo yeProjekthi Yamanzi yaseMzimvubu kukuphucula ezentlalo nezoqoqosho kwiindawo zokuhlala ezingaphuhliswanga kwanezihluphekayo kule ndawo. Oku kuphunyezwa ngezi ndlela zilandelayo:

- Izibonelelo zonikezelo kwiimfuno zamanzi asezindlini nakwiindawo zoshishino;
- Izibonelelo zonikezelo zolimo lonkcenkceshelo;
- Uveliso lombane; kunye
- Nokuveliswa kwemisebenzi yethutyana nesisigxina.

Iprojekthi le ineempembelelo ezintle nezingentlanga. Iimpembelelo ezinkulu zeprojekthi ezinokuthi zibekho kokusingqongileyo zichaziwe kwaye ziza kuphandwa ngokubanzi zize zivavanywe kwisigaba soVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo.

Iqela leprojekthi linamava kwanezakhono ezidingekayo ukwenza kwanokuphumeza inkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo (kuquka uphando lweengcali) kwaye kucetyiswa ukuba inkqubo yoVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo iqhubeke ngokusekelwe kwiSicwangciso Sophando esiphakamisiweyo soVavanyo Lwempembelelo kokusiNgqongileyo.